This story comes from *Stories that Talk 2*, Heartlines' second collection of stories about values. For more information please email orders@heartlines.org.za or phone (011) 771 2540.

HEARTLINES
The Centre for Values Promotion

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa lokuvuselela oko abantwana banokukwazi ukukwenza ngokubalisa amabali nokufunda. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi



“Owuuu!” Ulifa wagoba echola ipasela. Lalkirazukile lavuleka iphapha kwelinye icala. “YHOOOOO!” Ulifa waphantse wawa phantsi wawuleka ngumothuko. Imali engaaa-akaaal Ulifa wema bhuxo kuloo ndawo, ixesha elide. Wayeqinisekile ukuba uMnumzana Mzi uza kubuya kamsimyane. “Ngokugqinisekileyo,” watsho, “uza kumqaphela undonakale. Uza kubuya, aze kulanda ipasela yakhe.”

Kodwa uMnumzana Mzi akazange abuye. Njengokuba eme bhuxo apho nje, uLifa wacinga ngoko wayekuphethc ngezandla zakhe. Intliziyo yakhe yayibetha ngamandla ukudlula ngebud eli. Wayithi hlasi ipasela, ngeqce ukugoduka nayo, ithc nca esifubeni sakhe. Wafika wangena endlwini, wawala ucango walutshixa. Ndikhuselekile ke ngokul

Kodwa wayengasaziva ekhuselekile nakwelo khaya lakhe. Hayi ngoku ephethe ipasela kaMnumzana Mzi. Kwakungathi kukho umntu ombukuleyo. Nkqu ncedonga zazingathi zinamehlo! AMEHLA – ABONAYO NAZIYO!



What a dead, dull day, Lifa thought. Everybody’s gone to work with their mother, but the old woman my mother works for won’t let me come. I am so bored. And this is only the first day of the holidays!

Lifa carried on looking through the TV guide. Then she heard a door creak open and quickly bang shut again. Her heart skipped a beat. Maybe? She leapt to her feet and ran to the window to take a peak. But it was only grumpy old Mr Mzi who lives two houses away.

Yimini esisizungu nekruqulayo, wacinga njalo uLifa. Wonke umntu usemsebenzini kwakunye nomama wakhe, kodwa mna eli xhegwazana lisetyenzelwa ngumama wam alindivumeli ukuba ndiye naye emsebenzini. Ndinesithukuthezi! Kwaye iselusuku lokuqala ngqa lwecholide!

ULifa waqhubeka ebuka incwadi esisikhokelo sethivi. Waza weva ngesandi sokuvuleka kocango, lwaphinda lwavaleka ngokukhawuleza. Wothuka kakhulu. Mhlawumbi de wamelwa nayintliziyo okomzuzwana? Watsiba ngoko nangoko waya kukroba efestileni. Koko lowo yayinguchukushe nje onguMnumzana Mzi ohlala kwindlu yesibini ukusuka kokwabo.

“The day crawled by. Lifa could not eat or play or take a nap. She could not watch TV, read a book, or sweep the floor. Oh, when would Ma come home? Finally, just as the sun dipped down behind the far buildings, Ma opened the front door.

Usuku lwalungathi luyacotha, luthc chu ukughubeka. Ulifa wayengakwazi nokuya okanye ukudlala okanye alale. Wayengakwazi nokubukela iTV, ukufunda incwadi, okanye atshayele phantsi. Kant, uMama wayeza kude abuye nini na? Ekugqibeleni, xa kanye ilanga lisithela ngaphaya kwezakhiwo ezikude, uMama wawala ucango olungaphambili.



Lifa jumped up. "Ma!" she shouted. "Quickly! Come and see! Hurry!"
 Ma's eyes grew bigger when she looked inside the parcel. She was quiet for a long time. She did not say anything.
 And suddenly Lifa knew. She knew what was right and she knew what she had to say. Lifa whispered, "Ma, you always say, 'The right thing to do is the only thing to do!'"
 Uifa waxhuma. "Mama!" wakhwaza. "Khawulezai! Yizobonai Yiza, khawulezai!"
 Amehlo kaMama atwabululeka kakhulu akubona ngaphakathi kwipasela leyo. Wathula ixesha elide. Cwaka akawuvula tu owakhe umlomo. Ngehlangeni kwathi qatha ingcingane ekhawulezileyo kuLifa. Wayeyazi into elungileyo nekufanele ayithethe. Uifa wasabeza, "Mama, usoloko usithi, 'Into eyayo nelungileyo kukuphela kwento ekufanele yenziwe!'"

But the story does not end there! When Lifa's story was published in the newspaper, people were amazed. The editor wrote another article encouraging others to turn in things they had found. The paper was flooded. Pets, belts, wallets, cellphones and sometimes even children were brought to *Vukani*. Soon, the newspaper could not cope with all the items and asked Lifa to help out.

Today, if you read *Vukani*, you will see a column called "Lifa's Lost and Found". And above the column is a photo of a smiling girl. Of course, that is Lifa!

Kodwa eli bali alipheleli apho! Lathi lakupapashwa ibali likaLifa kwiphephandaba, abantu bamangaliseka. Umhleli wabhala elinye inqaku, ekhuthaza abanye abantu ukuba babuyise izinto abazicholeyo. Iphephandaba lagcwala. Kwazizilo-qabane, amabhanti, izipaji, iisulula, ngamanye amaxesha nabantwana ababesiswa kwi*Vukani*. Ngokukhawuleza, iphephandaba zange likwazi ukumelana nomthamo wezinto ezaziswa ngaphambili, laze lacela uLifa ukuba ancedise.

Namhlanje, xa ufunda i*Vukani*, kukho ikholamu ethi, "Okulahlekileyo nokufunyenweyo" kukaLifa! Ngasentla kule kholamu kukho ifoto yentombazanana encumileyo, nguLifa ke lowo!

"O-oh!" Lifa bent down to pick up the parcel. The paper on the side had ripped open. "OH, MY!" Lifa nearly fell over with shock. So-oo much money!
 For a long moment, Lifa stood rooted to the spot. She was sure Mr Mzi would soon be back. "Surely," she said, "he'll realise. He'll turn round and come back for his parcel."
 But Mr Mzi did not come back.
 As she stood there, Lifa thought about what she held in her hands. Her heart was thudding louder than a cowhide drum. She clutched the parcel tightly against her chest and ran home. She raced inside, and closed and bolted the door. Safe! But home did not feel very safe anymore. Not with Mr Mzi's parcel there. It was as though she was being watched. Even the walls seemed to have eyes! EYES – THAT SAW AND KNEW!


Mr Mzi walked down the steps clutching an armful of parcels in one arm, and a briefcase, a bunch of keys and some papers in the other. He kicked the gate open and walked towards the black Mazda parked just outside his gate. Lifa watched as Mr Mzi put one parcel on the roof of the car, opened the back door and flung the briefcase and all the other things onto the back seat.

"O-oh, forgot something," Lifa said aloud when she saw Mr Mzi run back into the house.

UMnumzana Mzi wehla ngezitepsi ephethe ipasela ngesinye isandla, ibrifkheyisi, izitshixo namaphepha ngesinye. Wakhamba igeyithi yavuleka, waya ngakwiMazda emnyama eyayime ngaphandle kwegeyithi yakhe. ULifa wabukela uMnumzana Mzi ebeka enye ipasela kuphahla lwemoto, evula ucango lwangemva wagibisela ibrifkheyisi nezinye izinto kwisitulo sangemva.

"O-o-o, caba kukho into ayilibeleyo," uLifa watsho ekhwaza xa ebona uMnumzana Mzi ebuyela endlwini.

Ngenizuzwana nje embalwa, waphuma kwakhona. Wafika, tshwa emotweni, wadumisa injini yemoto ... yatsala yemka. "Hayini!" wakhwaza uLifa. ULifa wawula ngesitshixo emyango waphuma ebaleka, ekhwaza, "Yima, Mnumzana Mzi, yima!" ephokuzana ngecengalo nezandla. Kodwa yagqotsa yona imoto emyama, bhije ikona ngethuba ipasela iwela ngaphandle emotweni! Bhaxa kanye endleleni!



In seconds, he was out again. He slid into the car, started the engine ... and the car sped away.

"Oh, no!" Lifa gasped.

Lifa quickly undid the lock of her door and ran out of the house shouting, "Wait, Mr Mzi, wait!" waving her arms wildly. But the car disappeared around the corner as the parcel skidded across the roof of the black car and fell off! Into the road!



Mr Mzi was overjoyed. He was so relieved. He bought a huge supper for Lifa and her mother that night. And he gave Lifa a handsome reward for her honesty – five percent of the full amount. He called the reward *amebhv'akaboni* – finder's fee.

Mr Mzi told the story of Lifa, the Good Samaritan, to *Vukani*, the local community newspaper. A story and Lifa's picture was on the front page of the newspaper, and she was called onto the stage at school and given an award for honesty.

UMnumzana Mzi wavuya kakhulu ngenene. Waziva ekhululekile kakhulu. Wathengela uLifa nomama wakhe ukutya kwesopholo okuninzi ngobo busuku. Waza wanika uLifa ibhaso elihle lentembeko – iipesenti ezintlanu zesixa eso saloo mali iphelele. Eli bhaso walibiza ngokuba ngamebhv'akaboni – intlawulo kumntu ochole into.


UMnumzana Mzi walibalisa eli bali lingoLifa, onguMsamariya olungileyo, kwi *Vukani*, iphephandaba lasekuhlaleni. Ibali kunye nomfanekiso kaLifa zafakwa kwiphepha lokuqala lephephandaba elo, waze wabizelwa eqongeni esikolweni, wanikwa ibhaso ngentembeko yakhe.

Mama sighed – a long, soft, and tired sigh. Her shoulders dropped. She closed her eyes and slowly nodded her head. "I am so proud of you, Lifa," she said. "Can I count it? Can I, Ma? Before we take it to Mr Mzi, can I count it? Please?"

Ma smiled. She had to help Lifa count the money. "Fifty thousand rand!" Ma said in a hushed voice. "Hu-uh?" Lifa gasped. Ma nodded. "I have never ever seen that much money in my entire life!"

Lifa shook her head. Her whole body trembled. "I guess Mr Mzi will be very glad to see it again!" she said.

ULama watsho ngesingqala, ephfumlela phezu – ixesha elide, ngokuzekelayo, nadinweyo. Eyikelele ingalo namagxa. Wacimela, wanqwala ngenitoko kancinane. "Ndiyazidla kakhulu ngawe, Lifa," watsho. "Ndingayibala? Uyavuma, Mama? Phambi kokuba siyise kuMnumzana Mzi, ndingayibala? Ndiyace-ela totho?" Wancuma uLama. Kwakufuneka andcise uLifa ukubala imali. "Ngamawaka angamashumi amahlanu cecanti!" uLama wasebeza esitsho. "Yho...?" wakhuzisa uLifa. "Wangwala uLama. "Andizange ndayibona imali eninzi kangako ubomi obu bami!" ULifa wanikina indoko. Umzimba wakhe wawuxhaxha kukoyika. "Ndiyacinga ukuba uMnumzana Mzi uza kuvuya kakhulu akuyifumana kwakhona!" watsho.



The ants go marching one by one,
 carrying a burger, carrying a bun.
 Imbovane zahamba ngomkrozo
 nganye nganye,
 zithwele ibhega, zithwele ibhansi.

His baby sister takes his hand,
 “Now I think I understand.
 The way you love to read a book ...
 Makes me want to take a look.”

Udade wayo omncinane ubamba isandla sayo,
 “Ngoku ndicinga ukuba ndiyaqonda.
 Indlela othanda ngayo ukufunda incwadi ...
 Indenza ukuba ndikrwaqule.”

Imbovane Encinane igalisa ngokukhwezwa
 ngendawo efunde ngayo,
 “Irestyurenti yinto efunekayo,
 indawo apho abantu batyela khona.
 Zitsho njalo incwadi endizifundayo.”



Little Ant begins to shout
 about a place he read about,
 “A restaurant is what we need,
 a place where people go to feed.
 It says so in the books I read.”

Little Ant would read all day,
 he'd read and read the day away.
 The other ants took what they found
 to store for winter underground.



Imbovane Encinanane ingafunda usuku lonke,
 ingafunda ifunde de kuphele usuku.
 Ezinye iimbovane zithatha oko zikufumanayo,
 ukugcinela ubusika ngaphatsi komhlaba.

When they returned, the queen is glad.
The stores are full. They cheer like mad.
Xa zibuya, ikumkankazi iyavuya.
Ovimba bagwele. Zivuya ngathi ziphambene.



The queen wants food to fill the store,
so all the ants must work some more.
Ikumkankazi ifuna ukutya ukuze igcwalise uvimba wayo,
ngoko ke zonke iimbovane kufuneka zisebenze kakhulu.

His mum and dad got really mad,
and Little Ant felt really bad.
In autumn when the leaves fall down,
the ants must take food underground.



Umama kunye notata wayo bacaphuka kakhulu,
yaze Imbovane Encinane yaziva idakumbile ngokwenyani.
Ekwindla xa amagqabi ewela phantsi,
iimbovane kufuneka ziyokufihla ukutya phantsi komhlaba.

Little Ant gets hugs from Mum and Dad.



Imbovane Encinane ifumana ukwangiwa
nguMama noTata.

Tortoise and the birds

Retold by Nicky Webb



Illustrations by Jiggs Snaddon-Wood

A long time ago, when a bird died on earth, its spirit would leave its body and float up to the clouds where it lived as a cloud person, watching over and caring for the birds and animals on earth.

The birds and animals knew about these cloud people.

There came a time when there had been no rain for a whole year. The grass died, the water holes dried up and the animals were starving. The animals and birds came together to decide what to do about the terrible drought.

"I think we should eat the ostrich," said Lion licking his lips.

"No!" gulped Ostrich.

"I think we should look for somewhere else to live," said Monkey.

"There's nowhere else to live," yelled Wild dog. "The drought is everywhere."

"We need to speak to the cloud people," said Owl. "They will know what to do."




The birds and animals agreed that the birds would fly up to the clouds and speak to the cloud people. Maybe they would send food down to earth to feed the starving birds and animals.

Tortoise and his wife were also at the meeting. Tortoise was very worried. He knew that if the cloud people delivered food to earth, he might be too slow to reach it in time. He was hungry and didn't want to miss out.

"Ahem," he said. "Do you really think that the cloud people will pay attention to a flock of birds? They need a king to go with them. Somebody to give importance to our request. I shall be their king. I shall speak for all of us."

The birds twittered amongst themselves. Eventually the birds agreed to take Tortoise along as their king.

Suddenly Hornbill scratched his head. "How do we get Tortoise up to the clouds?" he asked. Hyena laughed, and Monkey chattered. No one had thought of this problem. There were many ideas. Eventually Owl suggested that the birds could stick feathers onto Tortoise's legs. If he had enough feathers he might be able to fly.



Tortoise looked ridiculous once all the feathers were stuck to his legs. Many of the animals wanted to laugh, but they knew that Tortoise was their last hope for survival.



Everybody held their breath as Tortoise flapped his legs. Slowly he lifted off the ground and rose into the sky. The animals cheered and the birds sang as Tortoise rose higher and higher towards the clouds.

When Tortoise and the birds arrived in the clouds, the cloud people were happy to see the birds, and proud that they had chosen to bring their king with them. The cloud people prepared a feast – juicy fruits and tasty vegetables that the birds hadn't seen for a long time.

"Who is this food for?" asked one of the birds excitedly.

"Why, it's for all of you," said the cloud people.

Tortoise wasted no time. He rushed forward greedily and ate every last morsel of food, while the birds watched him. The cloud people were amazed that the birds were not eating, but they thought that it was the birds' custom to allow their king to eat first.



The birds were very angry and very hungry! They rushed towards Tortoise and pulled out all of his feathers. Then they flew back to earth to tell the other animals about Tortoise's trick.

Tortoise's feathers fluttered down to earth and he found himself stranded in the clouds. He looked around in desperation. If he jumped down to earth he would surely die. Suddenly he noticed Parrot scratching around looking to see if he could find a morsel of food that Tortoise had missed.



Continued on page 15

Ibali libaliswa ngokutsha nguNicky Webb



Imifanekiso izotywe nguJiggs Snaddon-Wood

Kudala-dala,
xa intaka isifa
emhlabeni,
umphefumlo
wayo
wawushiya
umzimba wayo
undandele
emafini apho
wawufika
uhlale khona
njengomntu
wasemafini,
owaluse
nononophele
iintaka
nezilwanyana
emhlabeni.

lintaka
nezilwanyana
zazisazi
ngaba bantu
basemafini.

Kwafika ixesha
lokunqaba
kwemvula
unyaka wonke.

Ingca yoma

nko, amanzi aphela emithonjeni nezilwanyana zabhuqwa yindlala. Izilwanyana kunye neentaka zadibana, zaxoxa ngesisombululo kwingxaki leyo yembalela eyayigqugqisile.

“Ndinga ukuba sitye inciniba ezi,” wabharhumla njalo uNgonyama elenca imilebe yakhe.

“Hayi bo!” wakhalisa uNciniba.

“Ndinga ukuba kufuneka sikhangele enye indawo esinokuhlala kuyo,” kwatsho uNkawu.

“Akukho ndawo yimbi esinokubalekela kuyo,” wagxwala njalo uDyakalashé.
“Yimbalela nje tshitshilili, kulo lonke.”

“Kufuneka khe sithethe nabantu basemafini,” kwatsho uSikhova. “Baza kuzanebebo bona.”



lintaka kunye nezilwanyana zavumelana ukuba iintaka zibhabhele emafini ukuya kuthetha nabantu basemafini. Mhlawumbi babeza kuvuma ukuthumela ukutya emhlabeni ukuze kutye iintaka nezilwanyana ezazilamba.


UFudo kunye nonkosikazi wakhe babekho nabo apho entlanganisweni. UFudo wayexhalabile kakhulu. Wayesazi ukuba xa abantu basemafini bathe bathumela ukutya emhlabeni, mhlawumbi wayengashiywa

lixesha, afike sele kuphelile. Wayelambe kakhulu, engafuni tu ukuphoswa kukutya oko.

“Eeee,” watsho. “Ncinga ukuba abantu basemafini baza kumamela umhlambi weentaka? Kufuneka kubekho ikumkani eza kuhamba nabo. Umntu oza kunika isidima kwisicelo sethu. Ndiza kuba yiloo kumkani yazo ke mna. Ndiza kumela wonke nje umntu.”

lintaka zagqugula. Ekugqibeleni zavumelana ngelithi ziza kuhamba noFudo, abe yikumkani yazo.

Ngesiquphe, uMkholwane wazikrwempa entloko. “Siza kumsa njani uFudo emafini?” wabuza. UNGcuka wagigitheka, waza uNkawu wenza engathethekiyo ingxokozelo. Akukho namnye owayekhe wacinga ngale



ngxaki. Zawa ngokuwa iibono. Ekugqibeleni uSikhova wacebisa ukuba iintaka zincamathelise iintsiba zazo emilenzeni kaFudo. Ukuba anganeentsiba ezaneleyo angakwazi ukubhabha.

UFudo wabonakala ngathi sisibhanxa zakuba zincanyathelisiwe zonke iintsiba emilenzeni yakhe. Izilwanyana ezininzi zazifuna ukumhleka, kodwa zazisazi ukuba uFudo wayelithemba lazo lokugqibela.



Wonke umntu wabamba umzimba xa uFudo ekhabalaza, ephakuzelisa imilenze yakhe. Kancinane, wancothuka emhlabeni wantingela esibhakabhakeni. Izilwanyana zamqhwabela ngeli lixa iintaka zimculela xa uFudo entingela emafini.

Bakufika uFudo neentaka emafini, abantu basemafini bavuya kakhulu ukubona iintaka nokuqaphela ukuba zize nekumkani yazo. Abantu basemafini benza isidlo esikhulu – iziqhamo ezimnandi nemifuno emnandi ezingazange zazingcamla iintaka ngaphambili.

“Kukutya kukabani konke oku?” yabuza enye yeentaka ivuya.

“Kutheni ubuza nje, kokwenu nonke,” batsho abantu basemafini.

UFudo akazange achithe xesha. Wakhawuleza ngokurhala okukhulu, watya konke ukutya okwakulapho, nentshela yako lo gama iintaka zimbukeleyo. Bothuka kakhulu abantu basemafini sesi senzo sokungatyi kweentaka, kodwa babuya bacinga ukuba mhlawumbi eli lisiko lakwaNtaka, ukuvumela ukuba kutye inkosi yazo kuqala.



lintaka zazinomsindo kwaye zilambe kakhulu! Zaya kuFudo zigaba, zafika zamxhwitha iintsiba zazo. Emva koko zabhabha, zibuyela emhlabeni ukuya kuxelela ezinye izilwanyana ngamaqhetseba kaFudo.

Iintsiba zikaFudo zaqhawuka, zaphasalaka, zawela emhlabeni, waza ke wazifumana eze emafini, engasakwazi ngoku ukubhabha. Wantanyantanyaza engazi nokuba makathini. Xa athe watsibela emhlabeni, wayeza kufa ngokuqinisekileyo. Ngesiquphe wabona uSikhwenene ephanda ngeenzipho, ekhangela intsalela yokutya engabe yayishiywe nguFudo.




Lisaqhubeka nakwiphepha le-15

“Please, Parrot,” begged Tortoise, “tell my wife to build a big pile of leaves for me so that I can jump down from the clouds and not be smashed to death when I land on the hard ground.”


Parrot was angry with Tortoise for eating all the food. When he got back to earth he told Tortoise’s wife that her husband had asked her to build a pile of rocks for him to land on.

Tortoise’s wife built the pile of rocks. Tortoise looked down from the sky and saw his wife standing next to something. He guessed it was a pile of leaves, so he closed his eyes, held his breath and jumped.

His little round body fell down to earth and landed heavily on the rocks. He cried out as his shell was smashed.



Tortoise’s wife rushed to his side and stared in horror at the damage to her husband’s beautiful shell. She nursed him and cared for him until eventually he healed, but the cracks in his shell remained as scars forever – a sign of what he had done to the poor birds.




Meanwhile, the cloud people were sad when they saw how the birds had been tricked. They wailed and they cried, and their tears fell down from the sky and watered the earth like rain. The grass and the trees grew again and once again the birds and animals had food. But the birds never trusted any of the tortoises again, and to this day, tortoises hide their heads inside their shells in shame when they see a bird.

“Nceda, Sikhwenene,” wacenga uFudo, “xelela umfazi wam ukuba andakhele ingqumba enkulu yamagqabi ukwenzela ukuba ndiwele kuyo xa ndisuka emafini, ukuze ndingakroboki ndife xa ndiwele emhlabeni olukhuni.”

USikhwenene wayenomsindo kakhulu kuba uFudo etye konke ukutya wakugqiba. Xa ebuyela emhlabeni waxelela unkosikazi kaFudo ukuba umyeni wakhe umcele ukuba amakhele ingqumba yamatye aza kuchopha kuwo xa esihla, evela esibhakabhakeni.

UNKosikazi kaFudo wamisa iqonga lamatye. UFudo wajonga phantsi esesibhakabhakeni, waza wabona unkosikazi wakhe eme ecaleni kwento ethile. Wacinga ukuba leyo yayiyingqumba yamagqabi, waza wavala amehlo akhe ebambe umphefumlo, watsiba.

Umzinjana wakhe ongqukuva wehla, wawela phantsi apho ematye. Wakhala kakhulu asakubona iqokobhe lakhe liphahlazeka ematye.



UNKosikazi kaFudo wabaleka weza kuye, wothuswa yindlela iqokobhe lakhe elihle elalikrobokwe ngayo. Wamonga wade waphila kodwa lona iqokobhe lahlala licandekile kaninzi, unaphakade – lisikhumbuzo esibi soko awayekwenze kwiintsizana zeentaka.



Kwelinye icala, abantu basemafini babelusizi kakhulu bakubona indlela eziqathwe ngayo iintaka. Bagxwala, bekwaza zaza iinyembezi zabo zawela emhlabeni, zinkcenkceshela umhlaba njengemvula. Ingca nemithi zakhula kwakhona, zaza ke iintaka nezilwanyana zanokutya kwakhona. Nangona kunjalo, iintaka zange ziphinde zithembe naluphi na ufudo kwakhona, kwaye ukuza kuthi ga ngoku, amafudo asafihla iintloko zawo ngaphantsi kwamaqokobhe awo ngenxa yeentloni xa ebona intaka.

Nal'ibali fun

Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali



1.

☉ Cut out this picture and paste it in the centre of a large sheet of paper. Then draw a thought bubble for each character in the picture. In the thought bubble, draw the front cover of the book you think each of them is reading. (Don't forget to write the book's title on its cover!)


☉ Sika, ukhuphe umfanekiso ongezantsi uze uwuncamathelise embindini wephepha elikhulu. Emva koko zoba iqamza elibonisa iingcinga zomlinganiswa ngamnye osemfanekisweni. Kwiqamza elibonisa iingcinga, zoba iqweqwe elingaphambili lencwadi ocinga ukuba ifundwa ngumlinganiswa ngamnye. (Ungalibali ukubhala isihloko sencwadi eqweqweni layo!)



2.

☉ Can you help? The lines have got mixed up. Work out which snack each of these ants likes to eat.

☉ Unganceda? Izinto zibhidene, imigca inyophene. Khangela, uhlanganise into imbovane nganye ethanda ukuyishwamza.




3.

☉ Can you find and write down the names of all the animals and birds in the story, *Tortoise and the birds*?

☉ Khangela uze ubhale phantsi amagama azo zonke izilwanyana neentaka ezisebalini elithi, *UFudo kunye neentaka*?

Answers: (2) 1 = C, 2 = A, 3 = B; (3) Ostrich, Lion, Monkey, Wild dog, Owl, Tortoise and his wife, Hornbill, Hyena, Parrot
Impendulo: (2) 1 = C, 2 = A, 3 = B; (3) uNciniba, uNgonyama, uNkawu, uDyakalashu, uSikhova, uFudo nomfazi wakhe, uMkhokwane, uNgcuka, uSikhwenene

Would you like to receive stories and literacy tips on your cellphone? Join Nal'ibali on WeChat. Visit www.nalibali.org/wechat to find out how to download WeChat.



Visit us on Facebook:
www.facebook.com/nalibaliSA
Sindwendwele kuFacebook:
www.facebook.com/nalibaliSA

Ungathanda ukufumana amabali kunye neengebiso ngelitheresi kwiselula yakho? Joyina uNal'ibali kuWeChat. Ndwendwela ku-www.nalibali.org/wechat ukuze ufumanise indlela onokuzikopela ngayo uWeChat.